Isalathiso: 20180509-1909
13/7/1/2
Imibuzo: M Combrink

Isetyhula: 0022/2018
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam; kuBacebisi beZifundo; kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko; nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abafundi kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isishwankathelo esifutshane: *Inkcazo malunga nokuqaliswa kokutshitshiswa komqathango kwe-Accounting ngenxa yeSetyhula 0046/2017.*

Isihloko: Inkcazo malunga nokuqaliswa kokutshitshiswa komqathango we-*Accounting* ngenxa yeSetyhula 0046/2017

1. UMphathiswa weMfundo esiSiseko wapapasha ukutshitshiswa komqathango othintela abafundi be-*Accounting* ukuba bafunde i*Mathematics* kuphela kwiSaziso sikaRhulumente No. 1402, kwiGazethi kaRhulumente No. 41321 yomhla we-15 Disemba 2017 ngokungqinelana neemfuno ezimiselweyo zoMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundo kaZwelonke *(NEPA*), 1996 (uMthetho 27 ka-1996).

2. Ngenxa yeso sizathu iSetyhula 0046/2017 (esuselwa kwiSetyhula S13 ka-2017) yakhutshwa ngowe-04 Disemba 2017 emalunga nokutshitshiswa kwalo mqathango.

3. ISebe leMfundo esiSiseko (ISebe iDBE) lithathele ingqalelo iziphumo zoku kuqaliswa kwalo mqathango yaye ke ngoko likhupha umyalelo wokuba abafundi ababedlelwe indlala ngulo mqathango kwiBakala 10 ngo-2017, bamele ukuvunyelwa basitshintshe isifundo (izifundo) ukuba banqwenela ukwenza ngolo hlobo ukulungiselela ukungqinelana nezilungiso ezifakelwe kumgaqo-nkqubo omtsha.

4. Ngako oko abafundi ababhalisiweyo kungokunje **kwiBakala 11 ngo-2018** abakhetha i-*Accounting* banako ukuyidibanisa ne*Mathematics* okanye ne-*Mathematical Literacy*. Oku kufakelwa kwezilungiso kumgaqo-nkqubo ke ngoko kuya kusebenza nakwiBakala 12 ngo-2019.

5. **Izikolo** ke ngoko ziya kuvunyelwa zizifake izicelo zokutshintshwa kwezifundo zazo ezimalunga nokutshitshiswa komqathango we-*Accounting,* kude kube ngowe-**30 Juni 2018**.

6. **Izithili zemfundo** kufuneka zizivume ezi nguqu ungadlulanga owe-**31 Julayi 2018.**

7. Abafundi baya kubanako ukukhetha ukuzitshintsha izifundo zabo ngokukhawuleza kangangoko kunokwenzeka. Esi sigqibo masenziwe sibe sesilungiselela umfundi ngeyona ndlela ibhetele yaye masenziwe ngencwadi ebhaliweyo kunye nabazali/nabagcini babafundi.

8. Ziyacelwa iinqununu ukuba zazise ngale ngcaciso kubo bonke abafundi beBakala 11, bangoku, abazali/abagcini babafundi nootitshala, ukuze bayithathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2018-05-15